

IsiHlomelo A3: ISatifikethi esizimeleyo sebhidi (bid) emiselweyo
Akukho mfuneko yokuba isikolo siyizalise le fom (isiHlomelo A3) ukuba iirikhwizishini zipapashwe
kwiSistim i-Electronic Procurement System (ePS).

Mna, osayinele ukungenisa ikoteshini ehamba nesicelo

(inombolo yekoteshini nenkcazelo)

malunga nesimemo esenzelwe ibhidi (bid) esenziwe

(igama lesikolo)

ngokwenjenje ndibhengeza ukuba ingcaciso nezitethimente ezifakwe apha zezinyanisekileyo, zezichanekileyo yaye zizaliswe ngokupheleleyo kuzo zonke iinkalo.

Ndingqinisisa oku kulandelayo egameni

(igama lebhida (bidder))

1. Ndikufundile ndakuqonda okuqulethwe sesi satifikethi.
2. Ndiyakugonda ukuba le bhidi (bid) ihamba naso iya kuthathwa njengengafanelekanga ukuba esi satifikethi sifunyenwe sibubuxoki, singachanekanga yaye singazaliswanga ngokupheleleyo kuyo nayiphina inkalo.
3. Ndinikwe igunya yibhida (bidder) lokuba ndisayine esi satifikethi yaye ndingenise le bhidi (bid) ihamba naso egameni le bhida (bidder).
4. Umntu ngamnye onesignitsha ebonakala kwibhidi (bid) ehamba nesi satifikethi unikwe igunya yibhida (bidder) ukuze amisele imiqathango yebhidi (bid) yaye asiyine ibhidi (bid) egameni le bhida (bidder).
5. Ukulungiselela iinjongo zesi satifikethi nebhidi (bid) ehamba naso, Ndiyayiqonda intsingiselo yegama u-"competitor" liquka nawuphi na umntu okanye umbutho, ongeyiyo ibhida (bidder), nokuba ngaba ubhalise nebhida (bidder) –

- (a) ocelwe ukuba angenise ibhidi (*bid*) ukuphendula kwisimemo sebhidi (*bid*);
 - (b) onako ukungenisa ibhidi (*bid*) ukuphendula isimemo sale bhidi (*bid*), ngokusekelwe kumabanga emfundo yoqeqesho, izakhono okanye amava abo; kunye
 - (c) nonika iimpahla neenkonzelo ezifana nezenye ibhida (*bidder*) kunye/okanye uhlobo olunye lweshishini nenye ibhida (*bidder*).
6. Ibhida (*bidder*) ikulungele ukubhida yaye ingenise ngokuzimeleyo ibhidi (*bid*) ehamba nesatifikethi, ngaphandle kwalo naluphi na uthethathethwano ngeengcebiso, unxibelelwano, imvumelwano ngamaxabiso okanye amalungiselelo naye nawuphina umntu ongeyiyo ibhida (*bidder*). Nakuba kunjalo, unxibelelwano phakathi kwamahlakani anetsebenziswano okanye onobudlelwane kwishishini (*partners in a joint venture or consortium**) awanakuchazwa njengawenza icebo eliyimfihlo lokubhida (*collusive bidding*).
7. Indlela ekhethekileyo, ngaphandle kokuthintela okucaciswa ngokubanzi kumhlathi 6 ngasentla, akukhange kubekho thethathethwano ngeengcebiso, lunxibelelwano, mvumelwano ngamaxabiso okanye malungiselelo kunye naya nayiphi na ibhida (*bidder*) malunga –
- (a) namaxabiso;
 - (b) nengingqi apho kuya kwenziwa imveliso okanye inkonzo kuyo (ulwabiwo lwentengiso);
 - (c) neendlela, izahlulo (*factors*) okanye indlela zokubala (*formulas*) ezisetyenzisiweyo ukuze kubalwe amaxabiso;
 - (d) nenjongo okanye isigqibo sokungenisa okanye sokungangenisi amaxabiso kwibhidi (*bid*);
 - (e) nokungenisa amaxabiso kukhuphiswano ngamaxabiso okungazifaneliyo iinkcukacha nemiqathango yebhidi; okanye
 - (f) nokungenisa amaxabiso kwibhidi (*bid*) ngenjongo yokungayiphumeleli ibhidi (*bid*).
8. Ukongeza koku, akukhange kubekho thethathethwano ngeengcebiso, lunxibelelwano, mvumelwano okanye malungiselelo naye nawuphi na ongenela ukhuphiswano ngamaxabiso (*competitor*) malunga nomgangatho, nesixa, neenkukacha kunye neendlela okanye neenkukacha zokuziswa kweemveliso okanye iinkonzo ezimalunga nesimemo sale bhidi (*bid*).
9. Imimiselo ehamba nebhidi (*bid*) ayikhange yaye ayisayi kuchazwa ngqo okanye ngokungathanga ngqo yibhida (*bidder*) kuye nawuphina ongenela ukhuphiswano ngamaxabiso phambi komhla nexesha lokuvula ngokusesikweni ibhidi (*bid*) okanye lokunikezelwa kwemvumelwano yamaxabiso.
10. Ndiyazi ukuba, ukongeza kuso nasiphi na isombululo esinikiweyo ukuze kuliwe naziphi na iindlela ezithintelayo ngokunxulumene neebhidi (*bids*) neemvumelwano ngamaxabiso, ngaphandle kocalucalulo iibhidi (*bids*) ezikrokrelekayo ziya kuxelwa kwiKhomishoni yoKhuphiswano (*Competition Commission*) ukulungiselela uphando nokunyanzeliswa okunokwenzeka kwezohlwayo zolawulo ngokwesiqendu 59 soMthetho i-*Competition Act*, 1998 (uMthetho 89 ka1998), kunye/okanye ingaxelwa kwiGunya lezoTshutshiso lweSizwe (*National Prosecuting Authority*) elenzelwe uphando lolwaphulo mthetho kunye/okanye

kuthintelwe ukuqhuba ishishini namaziko karhulumente ithuba elingadlulanga kwiminyaka eli10 ngokoMthetho i-*Prevention and Combating of Corrupt Activities Act, 2004* (uMthetho 12 ka2004), okanye nangayiphi na eminye imithetho esebenzayo.

Isignitsha

Umhla

Isikhundla

Igama lebhida (*bidder*)

****“Joint venture” okanye “consortium” yintlangano yabantu ngenjongo yokudibanisa ubuchule, ipropati, imali nezixhobo zokuqala ishishini, imizamo, izakhono nolwazi kumsebenzi olungiselelwa ukwenziwa kwemvumelwano ngamaxabiso.***